CORONAVIRUS DISEASE 2019

23 Matshi 2020

INKQUBO YEZEMPILO YOKUQINISEKISA UKUBA UKUNGASONDELELANI KWABANTU KUYENZEKA ISITHILANA SASEKNYSNA/ BITOU

Iiklinikhi zoNyango lweNqanaba lokuqala aziyi kuvalwa kuba ziya kube zinceda ngeenkonzo ezibalulekileyo. Izigulane ezinezigulo ezingapheliyo njengesiqhelo ziya kuwathatha amayeza azo, izigulane ezineeapoyintmenti zokubonana nogqirha okanye usista emva kweenyanga ezintandathu (6) zihlaziye izikripthi zazo ukuze zikwazi ukuthatha amayeza azo kwiiklinikhi zazo kodwa aziyi kuyikhutshelwa ifolda kwaye aziyi kuxilongwa xa zingabonakalisi ngxaki. Kuza kumiselwa inkqubo yokugxabhagxabhisa ukuhoya izigulane ezikwindawo yokulinda, kuzo zonke iikliniki.
Iinkonzo ezihlanganisiweyo: Ziya kumiselwa eminye imihla iiapoyintmenti noosozondlo (dietician) Ifiziyotheraphi, iotyhupheyishinalitheraphi Iinkonzo zaMazinyo ziya kumiswa. Kuya kuqwalaselwa kuphela iimeko zempilo ezimandundu nezixhalabisayo kukhutshwe amayeza kwiimeko ezinjalo. Akuyi kukhutshwa mazinyo, engayi kungcitywa kananjalo. Ukufumana eminye imibuzo malunga neapoyimntmenti okanye iinkonzo zonyango olukwinqanaba lokuqala, qhagamshelana nezikompilo elikwindawo ohlala kuyo.

ISibhedlele iKnysna Provincial siya kuqwalasela iinkonzo ezingundoqo nezingxamisekileyo:
- Luya kurhoxiswa utyando olunganxamisekanga obeselulungiselelwe ze izigulane zinikwe omnye umhla weapoyintmenti
- Iinkqubo ezizodwa zonyango zeklinikhi ziya kurhoxiselwa omnye umhla.
- Iinkonzo zempilo yamabhinqa neenkonzo zabakhulelweyo ziya kuba khona.
- Iinkonzo ze-ultrasound/zesonar ziya kuba khona.
- Zonke iiapoyintmenti ezingangxamisekanga zex-ray ziya kubhukishwa ngokutsha.

Uyacelwa uqaphele ukuba xa ufika esibhedlele okanye eklinikhi, iya kuhlolwa imeko yakho uze ucelwe ukuba ubuye ngelinye ixesha. Ngabantu abakwimeko ebonisa iimpawu ze-NICD kuphela abaya kuhlolwa kukhangelwa ukuba abanayo na iCOVID-19 kwizibhedlele nakwiiklinikhi ezikhethiweyo. Abayi kuhlolwa abantu abasempilweni (njengabo bangabonakalisi zimpawu). Uluntu luyakhuthazwa ukuba lugcwalise iifom zokuzihlola online https://www.westerncape.gov.za/department-of-health/risk-assessment-form okanye tsalela ihotline yeSizwe: 0800 029 999 okanye ihotline yePhondo ku- 021 928 4102. Abantu abafuna ukuhlolwa, bayabongozwa ukuba baqale ngokuya kwizikompilo benze amalungiselelo okufumana umhla nexesha lokuya kwelo zikompilo baza kuhlolwa kulo.

AMAZIKO EKUHLOLWA LE NTSHOLONGWANE KWINDAWO OHLALA KUYO:

Sedgefield Clinic (Rotating Team) 044 343 1117 | Karatara Sat Clinic(Rotating Team) 044 356 2612 | Keurhoek Clinic (Rotating Team) 044 389 0212 | Knysna CDC (Rotating Team) 044 382 3935 | Khayalethu Clinic (Rotating Team) 044 375 0207 | Hornlee Clinic (Rotating Team) 044 385 0579 | Knysna Town Clinic (Rotating Team) 044 382 0836 |Kwanokuthula CDC (Sr Reddering/ Sr Ruiters/ Sr Makhaye) 044 533 5700 | Wittedrift Satellite Clinic (Sr Barkhuizen) 044 535 9061| New Horizon Clinic (Sr Seekoei/ Sr Gege) 044 533 6438 | Plett Town Clinic (Sr Williams/Sr Mpemvu/ Sr Swarts) 044 501 3700 | Kranshoek Clinic (Sr Frans / Sr Hlabi) 044 533 9333 | Crags Clinic (Sr Afrika/ Sr Hendricks) 044 534 8337 | Knysna Hospital 044 302 8400 and press 1.